IPALAMENTE YEPHONDO
LENTSHONA KOLONI

INKQUBO YOKWENZIWA KOMTHETHO

Omnye womsebenzi ongundoqo wePalamente yePhondo leNtshona Koloni kukwenzela iNtshona Koloni iMithetho. Umthetho ophakanyisiweyo waziwa njengoMthetho oSayilwayo kwaye ungaziswa ngMphathiswa wePhondo, yikomiti okanye ilungu lePalamente yePhondo.

Wakube wazisiwe uMthetho oSayilwayo uhamba amanqanaba ahlukeneyo kwiPalamente yePhondo phambi kokuba ubengumthetho. Inqanaba ngalinye (elibizwa njengofundo) kufuneka liphunyezwe ngaphambi kokuba uMthetho oSayilwayo uqhubele kwelinye inqanaba. Ukulungiselela imithetho esayilwayo yesiqhelo kunamanqanaba amabini ze nemithetho esayilwayo yezemali ibenamanqanaba amathathu.

Nje ukuba yaziswe, iMithetho eSayilwayo ifundwa okokuqala ize ihanjiswe kuwo onke aMalungu eNdlu. UNobhala wePalamente yePhondo upapasha uMthetho oSayilwayo iintsuku ezingama-21 *kwiGazethi yePhondo* ukulungiselela izimvo zoluntu. Ukuba uMthetho oSayilwayo uqwalaselwa njengongxamisekileyo, iNkulumbuso isenokubeka umthetho wolawulo lokuba kuncitshiswe iintsuku ezingama-21 zokupapashwa kwawo. Emva kweentsuku ezingama-21 ikomiti esisigxina efanelekileyo iqwalasela uMthetho oSayilwayo, ithabathe la ingqalelo zonke iintetho ezifunyenwe kuluntu nakuamaqela anomdla. Ikomiti isenokubiza iintlanganiso zoluntu ukuze lunike izimvo zalo malunga noMthetho oSayilwayo.
Oku kuqinisekisa ingqwalasela enobunono kwaye kuvumela igalelo nentatho-nxaxheba enkulu yoluntu.

Emva kokuba iqwalasele uMthetho oSayilwayo, ikomiti inika ingxelo kwiNdlu. kwaye inike neengcebiso zokuba uyamkelwa, uyakhatywa okanye wamkelekile uMthetho oSayilwayo nezilungiso ezenziweyo.

Inqanaba elilandelayo (ufundo lwesibini) lujongana nemiba nemigaqo yoMthetho oSayilwayo. Umthetho oSayilwayo ubakwingxo-mpikiswano yeNdlu Emva kofundo lwesibini uMthetho oSayilwayo ungathunyelwa kwikomiti efanelekileyo ukwenzela izilungiso zokugqibela. Ukuba iNdlu yenze isicelo souk. INdlu isenokuwamkela uMthetho oSayilwayo okanye ithathe isigqibo soMthetho oSayilwayo ngovoto. Ikopi yoMthetho oSayilwayo ophunyezwe yiNdlu ithunyelwa kwiNkulumbuso ukuba iyityikitye (iyivume). Njeukuba iNkulumbuso iwuvume uMthetho oSayilwayo, uba nguMthetho wePhondo.

UPhunyezo loMthetho oSayilwayo oQhelekileyo wePhondo

UMthetho oSayilwayo uyaQulunqwa
(Lisebe likarhulumente, ilungu okanye ikomiti esisigxina)

UMthetho oSayilwayo wandlalwa ePalamente

Ufundo lokuqala loMthetho oSayilwayo
(lupapashwa kwiZaziso iMcimbi ezakwa Ndlalwa neeNgxelo zeKomiti)

UMthetho oSayilwayo upapashwa *kwiGazethiye Phondo* ukuze uluntu luphawule
(Uluntu kuqheleke ukuba lube neentsuku ezingama21 ukuba luphawule)

UMthetho oSayilwayo uthunyelwa kwikomiti esisigxina efanelekileyo
(IKomiti ingabiza umanyelo-zimvo zoluntu ngenjono yokulungisa uMthetho oSayilwayo)

IKomiti ingenisa ingxelo ngoMthetho oSayilwayo kwiNdlu

Ingxoxo-mpiksiwano yofundo lwesibini yoMthetho oSayilwayo

UMthethooSayilwayo uyavotelwa

UMthetho oSayilwayo uphunyezwa yiNdlu
(Ngevoti esisininzi)

UMthetho oSayilwayo utyikitywa yiNkulumbuso wandule ukupapashwa *kwiGazethi yePhondo*

UMthetho oSayilwayo ubangu Mthetho wePalamente

INkulumbuso iBhengeza uMthetho oSayilwayo njengenyathelo elikhawulezileyo
(IKomiti eSisigxina ijongana noMthetho oSayilwayo phambi kokuba kuphele iintsuku ezingama-21)-kuphela kwiimeko ezithile

UMthetho oSayilwayo uyakhatywa yiNdlu
(UMthetho oSayilwayo uyaphelelwa kwaye awunako ukwaziswa kwakhona phambi kweseshoni elandelayo ePalamente)

Posbus 648, Kaapstad
8000, Suid Afrika

PO Box 648, Cape Town
8000, South Africa

PO Box 648, Ekapa
8000, Mzantsi Afrika

www.wcpp.gov.za
+27 21 487 1600

WCPP Poster-Law Making.indd 1 7/30/15 5:07 PM